



UKumkanikazi onobulumko

Tshedza Tlhako

Busisiwe Ndlovu





UKumkanikazi Lufuno wayephethe isizwe sendawo eyiRoswika.

UKumkanikazi Lufuno wayengumlawuli oluncedo nowayelungile.

Wayenobulumko kakhulu kananjalo.



UKumkanikazi wayebaphethe bonke abantu eRoswika ngokulinganayo.

Njengembuyekezo, abantu babemthanda kakhulu.

UMaluṭa wayengomnye awayemthembe kakhulu kubacebisi bakhe.



Umyeni kaMaluṣa, okwanguTshidino, wayengakuthandi oku kulunga kukaKumkanikazi Lufuno. Wayengayithandi le ndlela abantu bamncoma ngayo.

Wathi, “Yintoni le uLufuno anayo mna endingenayo? Ndingalawula ngendlela ephucukileyo kunokuba elawula uKumkanikazi.”



Ngenye imini uKumkanikazi Lufuno noNkosikazi Maluṭa babebonisana ngeyona ndlela iphucukieyo yokunikezela ngamanzi ebantwini.

Babengavumelani kunjalo benkxambulisana ngamandla.



Yamcaphukisa uNkosikazi Maluṭa le mpikiswano. Akufika emzini wakhe waya ngqo kumyeni wakhe.

“Mna noKumkanikazi Lufuno asivumelani ngendlela yokunikezela ngamanzi ebantwini,” watsho ehlabekile.



UTshidino wacinga, “Bendinokuqhuba ngendlela ephucukileyo ukuba bendingukumkani.”

Walukhuthaza uvakalelo lokunganeliseki kwenkosikazi yakhe zizimvo zikaKumkanikazi ezazivakala zingalunganga nakuye uTshidino.



Ngemini elandelayo uTshidino wabizela abantu belali kwintlanganiso.

Wathi kubo, "Asinakuphathwa ngumfazi. Ndingangukumkani ophucukileyo kunaye."



Abantu ababekule ntlanganiso bawacingisisa amazwi kaTshidino.

Abazange bavumelane naye.



Wathi omnye, “Ikumkanikazi inovelwano. Wakhele abantwana bethu izikolo.

Omnye wathi, “Sinemihlaba yokulima nokufuya, yaye uyaqinisekisa uKumkanikazi ukuba wonke umntu unamanzi. Uyinkokeli nomlawuli olungileyo.”



Umntu wesithathu wathi, “Sasilawulwa ngabantu abohlukeneyo. Andizange ndimbone umntu ofana noKumkanikazi Lufuno ngokuba nobulumko. Iikumkani ezivela kwezinye iindawo ziza apha kuKumkanikazi wethu zizokufuna iingcebiso kuye.”



Akuva oku uTshidino wagoduka enomsindo.

UMaluṭa wathi kuye, “Abantu baseRoswika bathethile. Kufuneka uyamkele iminqweno yabantu.”



Akuva oku uKumkanikazi wancuma.

Akazange amohlwaye uTshidino kuba wayezazi ukuba uphumelele.

Xa abantu benoxolo, bephumelele yaye bonwabile, baza kusoloko bezixhasa iinkokeli zabo.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



NELSON MANDELA
INSTITUTE FOR
EDUCATION AND
RURAL DEVELOPMENT



Room to Read®
World Change Starts with Educated Children®

Your attribution should include the following:

Title: UKumkanikazi onobulumko

Author/s: Tshedza Tlhako

Translator/s: Pretty Neliswa Magangxa

Illustrator/s: Busisiwe Ndlovu


Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

